KHANGELA IMIMANGALISO EM-INCINANE YONKE IMIHLA.

UMBHALI: ELSE ROHRS
UMZOBI: FREDELIZ STEYNBERG
ISIHLOKO: UKWAMKELA KONKE OKUNCINANE OKUSINGQONGILEYO
IMINYAKA: YONKE IMINYAKA

Ngenye imini kwiminyaka emininzi eyadlulayo kwakukho indlulamthi egama lingu Gijima eyayinomehluko kuzo zonke ezinye izilwanyana. Wayesoloko ebaleka engxamile jikelele.

Wayengazange ame ngxi, wayesoloko engxamile,elindele okokuba nezinye izilwanyana zingxame yonke indawo zenze yonke into ngokukhawuleza nje ngaye.

UGijima lalilelona gama lalimlungele kuba lithetha: " ukubaleka nokungxama ngesi ZULU!,ezinye zeelwimi Zomzantsi Africa."

UGijima unemilenze emide nentamo ende kunazo zonke ezinye izilwanyana ezikhoyo,ukuze afikelele kumagqabi anencasa aphezulu phaya emthini, kwawona akhe anencasa kunawo wonke amagqabi.

UGijima unokuninzi okungokwakhe, kodwa akangekhe obelane nabanye abahlobo abafutshane bakhe.

Akazange azinike ixesha lokujonga ukuba ezinye izilwanyana zinezidingo na,(ezikufunayo). Kungokuba wayesoloko ngalo lonke ixesha engxamile,akazange eme ancokole,ngako oko akukhonto ayaziyo kangako ngezinye izilwanyana.

Wayengazi malunga nendlela ezilunge ngayo esinye kwesinye, nezinto ababezincokola besobelana ngazo.

Wayengazi ngobuntu bazo esinye kwesinye kwanezinto ezobelana ngazo.

UGijima akazange aye ezantsi emlanjeni ayokusela nezinye izilwanyana.

Xa zimbuza ukuba kutheni? Uthi "Andinalo ixesha"! xa ndisiya emlanjeni kufuneka ndivule imilenze yam kakhulu, ndigobe kakhulu ukuya ezantsi,ukuyosela amanzi, kukuchitha ixesha.!

Ukhona umbethe emagqabini omthi kuyakhawulezisa ukukholisa unxano".

Kutheni uGijima wayesoloko engxamile? Akekho owayesazi ukuba kutheni, ingakumbi uGijima ngokwakhe. Konke okukubaleka nokungxama kwakumenza kubenzima ukuphila nabo,enyanisweni wayesebenza ngokukhawuleza kangangoba wayengenabahlobo.

Ubomi bakhe babusisithukuthezi. Ngenye imini uGijima njengantsuku zonke, akazange aqaphele umngxuma wentakampuku kulondlela,uye watyibilika wawa, kuba enendlela ende yokuwa, wothuleka ngesikhulu sona isithonga!, esalele njalo uGijima esenomothuko wokuwa, wabona uSebi Uqongqothwane eqhuba ibhola yobulongwe ngokona kungxama, akazange ambone uqongqothwane ngaphambili.

"Yhoo, ungubani na kwaye wenzantoni na?, wabuza.

Ndingu Sebi umqhubi wobulongwe, ndiqhuba lebhola yobulongwe lonke ilanga(yonke imini),ngelinye ilanga(imini) ndakubeka amaqanda kuyo," watsho uSebi. Wayemangele uGijima.

Okulandelayo wabona umgca omde wembovane zibaleka, inye ithwele intwana yokutya.

Iimbovane zisebenza kunye ukuqokelela ukutya okwaneleyo ukwenzela inkosazana, wonke umntu uyancedisa.

UGijima wayelele phantsi efunda ngazo zonke izinambuzane nezilwanyana awayengazanga aziqaphele ngaphambili.

Ufudo lwadlula luhamba kancane lwasuka lwema lwancokola.

Wayemangele ukubona uGijima engangxamanga, uye wambuza:Wenza ntoni phantsi ngamadolo ,kwaye ujonge ntoni?" Waphendula uGijima "Andizange ndiyazi ukuba kukho izinambuzane eziphila emhlabeni.

Ndicinga intloko yam yayisoloko ngalo lonke ixesha iphezulu emithini kwaye ndandi soloko ndingxame kakhulu ukuqaphela".

Ngelixa wayethetha no fudo, uqaphele ezinye izinambuzane ezincinnane -isigcawu sasijikelezisa indlu yaso, amabhabhathane ebhabhela kufutshane neentyatyambo, iintaka zezulu zitsibatsiba zifunana namaxhoba.

"Gijima" watsho ufudo, " Jonga imimangaliso emincinane yonke imihla!"

Chitha ixesha elincinane yonke imihla ujonge ecaleni kwakho, Yima thatha (khokha) umoya kakuhle u nzulu,ujonge jikelele,uqaphele ukuba yintoni onokuyibona nonokuyinukisa nonokuyiva(mamela).

Ukuba uhamba kancane uyakuqaphela imimangaliswana emininzi emincinane eyenzekayo kufutshane nawe yonke imihla!!UGijima wayenexesha elinzima lokuphakama kodwa uthe wakuphakama, wema ,wacinga okuthethwe ngufudo.

Yiminyaka emininzi uGijima wabambeka emngxunyeni wentaka mpuku emamele amazwi ahlakaniphileyo kafudo oludala.

Wafunda isifundo esomelezayo(esakhayo) ngaloomini.

Akazange aphinde abaleke yonke indawo,uzinika ixesha lokuqaphela abo bamngqongileyo.

Uya emlanjeni ayokusela nezinye izilwanyana.

Uqaphela ukuba kukho iintlanzana ezincinane eziqubhayo emlanjeni.

Amasele axhumaxhuma kwelinye igqabi ukuya kwelinye, nezinambuzane ezincinci ezibhabhayo zenza izandi zidlula.

UGijima ufumanise ukuba mininzi imimangaliso eyenzekayo emngqongileyo yonke imihla.

Ubonakele enoxolo kwezontusku.Ezinye izilwanyana ziqaphele kwakamsinya indlela ohluke ngayo uGijima.

Ziye zabona ukuba igama elithi Gijima alisamfanelanga ngoku,baye bamthiya ukuba ngu Nokuthula,oko kuthetha ukuba !Mama Woxolo!.